

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA IBANGA 3

IsiCwangciso sokuFundisa sikaZwelonke esiHlaziyiweyo 2021

ISIKHOKHELO SOKUSETYENZISWA KWEKHARITYHULAM EHLENGA -HLENGISIWEYO YEELWIMI KWISIGABA ESI SISEKO:

Nceda uqaphele oku kulandelayo:

1. Ikharityhulam ihlenga-hlengisiwe ukuze ijongane neengcinga ezingundoqo nezakhono.
2. Zonke izakhono zisasazekile kwixesha elinikiweyo. Izakhono nolwazi ziphindaphindiwe kwiiveki zonke ukuze kungabikho mfundi uza kushiyeke xa engayi esikolweni yonke imihla.
3. Umxholo usasazekile kwiiveki zonke
4. KumaBanga 2 & 3 iiveki zokuqala ezintathu zibekelwe bucala ukujonga imixholo kumaBanga adlulileyo nokudityaniswa kwemixholo yeBanga lesi 2. Ukuba isikolo asikuboni kuyimfuneko oku, masilandele iNkcazelo yePolisi yeKharityhula yoHlaziyo (CAP) ukusuka kumxholo wekota 1.
5. Kufanele ukuba kubekho umanyano olomeleleyo phakathi kwazo zonke izifundo.
6. Zonke izihloko kuLwimi zihamba zidibane, kwaye imisebenzi yemihla ngemihla ayichazwanga ngaxesha kuba ingenziwa nanini na imini le yonke.
7. Ukufunda kufuneka kulandele le miba ilandelayo: **Ixesha lokuGxila ekuFundeni nokuBhala ngokwe (CAPS)**. Ezi zikhumbuzi zibandakanyiwe njengoko kubonakala ngathi kukho ukuqondwa okwahluke kancinane koko kuthethwa liXesha lokuGxila nokuFunda kwiCAPS.
 - **Ixesha lokuGxila ekuFundeni nokuBhala** lihlanganisiweyo (malunga neyure enye) apho ukuFunda noTitshala nokubhala ngokwaBelana kuthatha iMizuzu eli-15 yokuqala. Emva koko, ikwanxulunyaniswe nezakhono ezifundwe kwiNkqubo yokuFunda noKwabelana / yokuBhala noTitshala, umsebenzi okwinqanaba lamagama nezivakalisi wenziwe (umz. Izandi). Oku kuthatha malunga nemizuzu elishumi.
 - Emva koko, kukuFunda ngamaQela noTitshala, abafundi bahlelwa ngokwamaqela okukwazi ukufunda. Ngexesha lokugxila ekufundeni nasekubhaleni, kubekwa isiseko solawulo lwezakhono ezifunekayo kufundo nomlingane, ukufunda ngokuzimeleyo nokubhala ngokuzimeleyo okuwela NGAPHANDLE kwexesha eligxiweyo lokuFunda nokuBhala
 - Izakhono nolwazi olusuka kwiindawo ezahlukeneyo ziyakuxhasa oku kwaye azizimelenga zodwa
8. Nanini na xa kusenziwa umsebenzi wamaqela, ukuqelelana makubekwe iliso.
9. Ootitshala mabahlale benxibelelana nootitshala bamabanga adlulileyo (ukuba kunokwenzeka) ukuze kungabikho zikhewu zenziwayo kutshintsho phakathi kwamabanga

IZIKHOKHELO ZOHLOLO: UKUHLOLA OKUSISISEKO

- Kufuneka lwenziwe kwiveki yesi-2 neye-3 yokubuyela esikolweni. Vumela abafundi ukuba bazinze kwiiklasi zabo ezintsha phambi kokuqala kovavanyo.
- Ukuhlola okusisiseko akufuneki ukuba kube yinto eme yodwa koko makunxulunyaniswe nenkqubo yokufunda nokufundisa.
- Kufuneka kwenziwe ngokungacwangciswa kwaye ubukhulu becala nge-oral.
- Imisebenzi yovavanyo iya kugxila kumxholo wamabanga adlulileyo.
- Injongo yemisebenzi iya kuba kukumisela inqanaba labafundi ukukhokela inkqubo yokufunda nokufundisa kwindlela eya phambili.
- Utitshala angadibanisa uvavanyo lwezakhono apho kunokwenzeka.
- Zonke izakhono zibandakanyiwe nokuba zifundisiwe na ngowama-2020. Ootitshala bangasebenzisa ubulumko babo ukuba abafuni kuvavanya zonke izakhono

UVAVANYO OLUSEKELWE ESIKOLWENI

- Uvavanyo luqhubeka njalo kwiSigaba seSiseko.
- Uvavanyo lunokwenzeka kuphela kumxholo ofundisiweyo.
- ICandelo lesi-4 elifinyeziweyo (The Abridged Section 4) kufuneka lisetyenziselwe lonke uhlolo.

Isicwangciso sokuFundisa soNyaka ka-2021-Ikota yoku-1: ISIHLOKO: IsiXhosa HL iBanga 3

INKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA: Isihloko	<p align="center">UKUMAMELA NOKUTHETHA</p> <p align="center">Ixesha elincinci: 45 imizuzu (3 x 15 imizuzu)</p> <p align="center">Ixesha elininzi: 1 iyure (4 x 15 imizuzu)</p>						
Ikota 1 (iintsuku 45)	Iveki 1 (iintsuku 3)	Iveki 2	Iveki 3	Iveki 4 & Iveki 5	Iveki 6 & Iveki 7	Iveki 8 & Iveki 9 (iintsuku 4)	Iveki 10 (iintsuku 3)
<p>Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe</p>	<ul style="list-style-type: none"> Thetha ngamava akho. Umzekelo, uxela iindaba eziveza iimvakalelo kunye nezimvo zakho Mamela ngaphandle kokuphazamisa, ubonisa imbeko kwisithethi kwaye ninikana amathuba okuthetha ningabafundi Mamela ulandelelwano oluntsonkothileyo lwemiyalelo ze uphendule ngokufanelekileyo 	<ul style="list-style-type: none"> Thetha ngamava akho. Umzekelo, uxela iindaba eziveza iimvakalelo kunye nezimvo zakho Mamela ngaphandle kokuphazamisa, ubonisa imbeko kwisithethi kwaye ninikana amathuba okuthetha ningabafundi Phendula imibuzo evulekileyo ze uthethelele iimpendulo zakho, umz. "Kutheni usitsho lonto?" Sebenzisa ulwimi olufanelekileyo xa uthetha nabahlobo kunye nabantu abadala Uhlolo Olusisiseko 	<ul style="list-style-type: none"> Thetha ngamava akho. Umzekelo, uxela iindaba eziveza iimvakalelo kunye nezimvo zakho Mamela ngaphandle kokuphazamisa, ubonisa imbeko kwisithethi kwaye ninikana amathuba okuthetha ningabafundi Mamela uluvo oluphambili kunye neenkukacha kumabaliPhendula imibuzo evulekileyo ze uthethelele iimpendulo zakho, umz. "Kutheni uthetha loo nto?" Cebisa ngezisombululo kwingxaki ingakumbi ngexesha lezibalo Uhlolo Olusisiseko 	<ul style="list-style-type: none"> Thetha ngamava akho. Umzekelo, uxela iindaba eziveza iimvakalelo (ezi- 4) kunye nezimvo zakho Mamela ngaphandle kokuphazamisa, ubonisa imbeko kwisithethi kwaye ninikana amathuba okuthetha ningabafundi Mamela uluvo oluphambili kunye neenkukacha kumabali ukuze uphendule imibuzo yodidi oluphezulu, umzekelo, "Ucinga ukuba isihloko sesona sihamba phambili kweli bali? Ngoba?" Buza imibuzo yengcaciso nezimvo malunga nokuvileyo, umz: "Ingaba ngenene oko kwenzekile? Wenze ntoni ke? " Vakalisa uluvo ngesicatshulwa unike nezizathu, umzekelo, "Ndicinga ukuba umbhali ebenokunika isiphelo esonwabisayo kwibali, "Idolfini yazama nzima ukubaleka." Cebisa ngezisombululo kwingxaki ingakumbi ngexesha lezibalo 	<ul style="list-style-type: none"> Thetha ngamava akho. Umzekelo, uxela iindaba eziveza iimvakalelo kunye nezimvo zakho Buza imibuzo yengcaciso nezimvo malunga nokuvileyo, umz: "Ingaba ngenene oko kwenzekile? Wenze ntoni ke?" Vakalisa uluvo ngesicatshulwa unike nezizathu, umzekelo, "Ndicinga ukuba umbhali ebenokunika isiphelo esonwabisayo kwibali, "Idolfini yazama nzima ukubaleka. Cebisa ngezisombululo kwingxaki ingakumbi ngexesha le zibalo Thatha inxaxheba kwiingxoxo, ubuza imibuzo kwaye ubonisa uvakalelo kwiimvakalelo zabanye Sebenzisa ulwimi olufanelekileyo xa uthetha nabahlobo kunye nabantu abadala 	<ul style="list-style-type: none"> Thetha ngamava akho. Umzekelo, uxela iindaba eziveza iimvakalelo kunye nezimvo zakho Mamela ngaphandle kokuphazamisa, ubonisa imbeko kwisithethi kwaye ninikana amathuba okuthetha ningabafundi Vakalisa uluvo ngesicatshulwa unike nezizathu, umzekelo, "Ndicinga ukuba umbhali ebenokunika isiphelo esonwabisayo kwibali, "Idolfini yazama nzima ukubaleka Cebisa ngezisombululo kwingxaki ingakumbi ngexesha lezibalo Thatha inxaxheba kwiingxoxo, ubuza imibuzo kwaye ubonisa uvakalelo kwiimvakalelo zabanye Phendula imibuzo ze unike nezizathu zempendulo leyo 	<p>UHLAZIYO</p> <ul style="list-style-type: none"> Thetha ngamava akho. Umzekelo, uxela iindaba eziveza iimvakalelo kunye nezimvo zakho Mamela ngaphandle kokuphazamisa, ubonisa imbeko kwisithethi kwaye ninikana amathuba okuthetha ningabafundi Phendula imibuzo ze unike nezizathu zempendulo leyo

INKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA: Isihloko	<p style="text-align: center;">IZANDI</p> <p style="text-align: center;">Ixesha elincinane: 1 iyure ngeveki (4 x 15 imizuzu)</p> <p style="text-align: center;">Ixesha elininzi: 1 iyure 15 imizuzu ngeveki (5 x 15 imizuzu)</p>						
Ikota 1 (iintsuku 45)	Iveki 1 (iintsuku 3)	Iveki 2	Iveki 3	Iveki 4 & Iveki 5	Iveki 6 & Iveki 7	Iveki 8 & Iveki 9 (iintsuku 4)	Iveki 10 (iintsuku 3)
Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe	<ul style="list-style-type: none"> Hlaziya izandi ezingoononye kunye namaqabane nezikhamiso ezifundiswayo kwiBanga lesi-2 Chonga unxibelewano phakathi kwezandi nobumba 	<ul style="list-style-type: none"> Hlaziya izandi ezingoononye kunye namaqabane nezikhamiso ezifundiswayo kwiBanga lesi-2 Chonga unxibelewano phakathi kwezandi nobumba Yakha amagama usebenzisa izandi zezandi <i>Uhlolo olusisiseko</i> 	<ul style="list-style-type: none"> Nakana amagama aqala ngamaqabane amabini (mb-, -ny, bh-) Nakana amagama aqala ngezikhamiso ezibini afundiswe kwiBanga lesi-2 amabini “oo”, “ii”, Yakha amagama usebenzisa izandi zamagama Funda ukupela amagama alishumi ngeveki athathwe kwizifundo zezandi nakumagama abonwa njalo <i>Uhlolo olusisiseko</i> 	<ul style="list-style-type: none"> Yakha amagama anoonobumba aba-3, 4, naba-5 usebenzisa oonobumba nezikhamiso ezifundwe kule kota Funda ukupela amagama alishumi ngeveki athathwe kwizifundo zezandi nakumagama abonwa njalo 	<ul style="list-style-type: none"> Hlela oonobumba namagama ngokulandelelana kwi-alfabhethi Pela amagama ngokuchanekileyo usebenzisa ulwazi lwezandi Funda ukupela amagama alishumi ngeveki athathwe kwizifundo zezandi nakumagama abonwa njalo Bhala izivakalisi ezifutshane ezi-3 ezibizelwa ngutitshala 	<ul style="list-style-type: none"> Yakha amagama anoonobumba aba-3, 4, naba-5 usebenzisa oonobumba nezikhamiso ezifundwe kule kota Pela amagama ngokuchanekileyo usebenzisa ulwazi lwezandi Funda ukupela amagama alishumi ngeveki athathwe kwizifundo zezandi nakumagama abonwa njalo Bhala izivakalisi ezifutshane ezi-3 ezibizelwa ngutitshala 	<p>HIAZIYA</p> <ul style="list-style-type: none"> Yakha amagama anoonobumba aba-3, 4, naba-5 usebenzisa oonobumba nezikhamiso ezifundwe kule kota Pela amagama ngokuchanekileyo usebenzisa ulwazi lwezandi

INKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA: Isihloko		UKUFUNDA Kubalulekile ukufunda iNqaku 7 kwizikhokelo ezikwiphepha lokuqala						
Ikota 1 (iintsuku 45)		Iveki 1 (iintsuku 3)	Iveki 2	Iveki 3	Iveki 4 & Iveki 5	Iveki 6 & Iveki 7	Iveki 8 & Iveki 9 (iintsuku 4)	Iveki 10 (iintsuku 3)
Imixholo enguNdo qo, izakhono nezithethe	UkuFund a	<ul style="list-style-type: none"> Funda imiyalelo eklasini Phendula imibuzo yodidi oluphezulu ekusekelwe kwitekisi efundiweyo 	<ul style="list-style-type: none"> Funda imiyalelo eklasini Sebenzisa imikhombandle la ukuthetha malunga netekisi Phendula imibuzo yodidi oluphezulu ngokusekelwe kwitekisi efundiweyo Uhlolo olusisiseko 	<ul style="list-style-type: none"> Funda imiyalelo eklasini Sebenzisa imikhombandle la ukuthetha malunga netekisi Qaphela iimpawu zocaphulo ezivulwa zivalwe ukubonisa intetho ngqo kumabali Uhlolo olusisiseko 	<p>Sebenzisa isibonelo seminwe emihlanu apho umnwe ngamnye umela isicwangciso esinokusetyenziswa ngumfundi ukucwangcisa indlela yokufunda igama elingaziwayo kunye nentsingiselo yalo.</p> <p>Olu lwazi lulandelayo luthathwe kwincwadi-The Teacher's Handbook: Teaching Reading in the Early Grades (January 2008), Department of Education</p> <ol style="list-style-type: none"> Ubhontsi: Shiya igama ngaphandle uze ulifunde kude kube sekupheleni kwesivakalisi Umnwe wokuqala: Jonga imifanekiso kunye nesihloko Umnwe wesibini: Zibuze ukuba zikhona na iindawo zegama oziqondayo Umnwe womsesane: Biza igama Ucikicane: Buza utitshala wakho ukuba lithetha ntoni eli gama <ul style="list-style-type: none"> Funda imiyalelo eklasini Funda imibongo eyahlukeneyo ngesihloko ze uxoxe ngayo (zombini ezi ndlela kunye neentsingiselo) Qaphela iimpawu zocaphulo ezivulwa zivalwe ukubonisa intetho ngqo kumabali Sebenzisa imikhombandlela oyibonayo ukuthetha ngesicatshulwa, umzekelo, ujonge ifoto, uxoxe ukuba imalunga nantoni, ithathwe phi, njl. 			

INKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA: Isihloko		UKUFUNDA UkuFunda: noTitshala Ixesha elincinci: 1 iyure ngeveki (3 x 20 imizuzu) Ixesha elininzi: 1 iyure 15 imizuzu ngeveki (5x 15 imizuzu)						
Ikota 1 (iintsuku 45)		Iveki 1 (iintsuku 3)	Iveki 2	Iveki 3	Iveki 4 & Iveki 5	Iveki 6 & Iveki 7	Iveki 8 & Iveki 9 (iintsuku 4)	Iveki 10 (iintsuku 3)
Imixholo enguNdoqo , izakhono nezithethe	UkuFund a noTitshal a	<ul style="list-style-type: none"> Utitshala ufunda itekisi umzekelo: imibongo eyandisiweyo Phendula imibuzo yodidi oluphezulu ngaphambi kokufunda, ngexesha kufundwa nasemva kokufundwa kwesicatshulwa ekwabelwana ngaso, umz., “Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni emva koko? Kutheni usitsho?” 	<ul style="list-style-type: none"> Utitshala ufunda itekisi umzekelo: imibongo eyandisiweyo Phendula imibuzo yodidi oluphezulu ngaphambi kokufunda, ngexesha kufundwa nasemva kokufundwa kwesicatshulwa ekwabelwana ngaso, umz. “Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni emva koko? Kutheni usitsho?” Gxila kumxholo wokushicilela Uhlolo olusisiseko 	<ul style="list-style-type: none"> Utitshala ufunda itekisi umzekelo: imibongo eyandisiweyo Chaza umlinganiswa ophambili kunye nombaba ophambili Gxila kumanqaku abhaliweyo Uhlolo olusisiseko 	<ul style="list-style-type: none"> Funda incwadi kunye notitshala (ukuFunda noTitshala) ze uchaze uluvo oluphambili nabalinganiswa abaphambili Phendula imibuzo yodidi oluphezulu ngaphambi kokufunda, ngexesha kufundwa nasemva kokufundwa kwesicatshulwa ekwabelwana ngaso, umz. “Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni emva koko? Kutheni usitsho?” Qaphela iimpawu zocaphulo ezivulwa zivalwe ukubonisa intetho ngqo kumabali Qwalasela koku: <ul style="list-style-type: none"> -kumanqaku abhaliweyo -iipatheni zolwimi -nokuqonda kumanqanaba ohlukeneyo 	<ul style="list-style-type: none"> Funda incwadi kunye notitshala (ukuFunda noTitshala) kuchazwa uluvo oluphambili nabalinganiswa abaphambili Phendula imibuzo yodidi oluphezulu ngaphambi kokufunda, ngexesha kufundwa nasemva kokufundwa kwesicatshulwa ekwabelwana ngaso, umz. “Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni emva koko? Kutheni usitsho?” Qwalasela koku: <ul style="list-style-type: none"> - izandi --iindlela zokuchonga amagama -ukuqonda kumanqanaba ohlukeneyo 	<ul style="list-style-type: none"> Funda incwadi kunye notitshala (ukuFunda noTitshala) kuchazwa uluvo oluphambili nabalinganiswa abaphambili Phendula imibuzo yodidi oluphezulu ngaphambi kokufunda, ngexesha kufundwa nasemva kokufundwa kwesicatshulwa ekwabelwana ngaso, umz. “Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni emva koko? Kutheni usitsho?” Qwalasela koku: <ul style="list-style-type: none"> - izandi -iipatheni zolwimi -nokuqonda kumanqanaba ohlukeneyo 	UHLAZIYO <ul style="list-style-type: none"> Funda incwadi kunye notitshala (ukuFunda noTitshala) kuchazwa uluvo oluphambili nabalinganiswa abaphambili

INKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA: Isihloko		UKUFUNDA UkuFunda ngamaQela ancediswa nguTitshala : 2 iiyure ne-30 yemizuzu ngeveki (2 x 15 imizuzu ngosuku (2 amaqela mihla le) Ukuzimela / UkuFunda nomlingane: 3x ngeveki						
Ikota 1 (iintsuku 45)		Iveki 1 (iintsuku 3)	Iveki 2	Iveki 3	Iveki 4 & Iveki 5	Iveki 6 & Iveki 7	Iveki 8 & Iveki 9 (iintsuku 4)	Iveki 10 (iintsuku 3)
Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe	UkuFunda ngamaQela ancediswa nguTitshala	<ul style="list-style-type: none"> Yakha isigama ngamagama abonwa njalo 	<ul style="list-style-type: none"> Ufunda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka encwadini yakho kwiqela lokufunda elincediswa nguTitshala Oko kukuthi, iqela lonke lifunda ibali elinye Sesebenzisa izandi, imikhondo, ucazululo lolwakhiwo namagama abonwa njalo xa ufunda Sebenzisa iindlela zokuzilungisa xa ufunda: ukufunda kwakhona, ukunqumama, nokuziqhelanisa negama ngaphambi kokulibiza ngokuvakalayo Uhlolo olusisiseko 	<ul style="list-style-type: none"> Ufunda ngokuthe cwaka nangokuvakalayo kwinqanaba lakho kwiqela lokuFunda elincediswa nguTitshala, oko kukuthi, iqela lonke lifunda ibali elinye ngokusekelwe kwinqanaba lokufunda leqela. Sebenzisa izandi, nohlalutyo lolwakhiwo lwezakhono zokucazulula amagama ngendlela eyiyo xa ufunda ngokuthe cwaka nangokuvakalayo Qinisekisa ukuba uzibeke esweni xa ufunda ukuqonda amagama naxa ufundela ukuqonda Bonisa ukuqonda iimpawu zokubhala (izingxi, iimpawu zombuzo, iimpawu zesikhuzo, iimpawu zocaphulo) xa kufundwa ngokuvakalayo Uhlolo olusisiseko 	<ul style="list-style-type: none"> Ufunda ngokuthe cwaka nangokuvakalayo kwinqanaba lakho kwiqela lokuFunda elincediswa nguTitshala, oko kukuthi, iqela lonke lifunda ibali elinye ngokusekelwe kumgangatho wokufunda weqela. Sebenzisa izandi, nohlalutyo lolwakhiwo lwezakhono zokukhowuda xa ufunda ngokuthe cwaka nangokuvakalayo Sebenzisa iindlela zokuzilungisa xa ufunda: ukufunda kwakhona, ukunqumama, nokuziqhelanisa negama ngaphambi kokulibiza ngokuvakalayo Bonisa ukuqonda iimpawu zokubhala (izingxi, iimpawu zombuzo, iimpawu zesikhuzo, iimpawu zocaphulo) xa kufundwa ngokuvakalayo 	<ul style="list-style-type: none"> Ufunda ngokuthe cwaka nangokuvakalayo kumgangatho wakho kwiqela lokuFunda elincediswa nguTitshala, oko kukuthi, iqela lonke lifunda ibali elinye ngokusekelwe kumgangatho wokufunda weqela. Sebenzisa izandi, nohlalutyo lolwakhiwo lwezakhono zokukhowuda xa ufunda ngokuthe cwaka nangokuvakalayo Sebenzisa iindlela zokuzilungisa xa ufunda: ukufunda kwakhona, ukunqumama, nokuziqhelanisa negama ngaphambi kokulibiza ngokuvakalayo Qinisekisa ukuba uzibeke esweni xa ufundela ukuqonda naxa ufunda ukuqonda amagama Bonisa ukuqonda iimpawu zokubhala (izingxi, iimpawu zombuzo, iimpawu zesikhuzo, iimpawu zocaphulo) xa kufundwa ngokuvakalayo 	<ul style="list-style-type: none"> Ufunda ngokuthe cwaka nangokuvakalayo kwinqanaba lakho kwiqela lokuFunda elincediswa nguTitshala, oko kukuthi, iqela lonke lifunda ibali elinye ngokusekelwe kumgangatho wokufunda weqela. Sebenzisa iindlela zokuzilungisa xa ufunda: ukufunda kwakhona, ukunqumama, nokuziqhelanisa negama ngaphambi kokulibiza ngokuvakalayo Qinisekisa ukuba uzibeke esweni xa ufundela ukuqonda naxa ufunda ukuqonda amagama Bonisa ukuqonda iimpawu zokubhala (izingxi, iimpawu zombuzo, iimpawu zesikhuzo, iimpawu zocaphulo) xa kufundwa ngokuvakalayo 	<p>UHLAZIYO</p> <ul style="list-style-type: none"> Ufunda ngokuthe cwaka nangokuvakalayo kwinqanaba lakho kwiqela lokuFunda elincediswa nguTitshala, oko kukuthi, iqela lonke lifunda ibali elinye ngokusekelwe kwinqanaba lokufunda leqela. Bonisa ukuqonda iimpawu zokubhala (izingxi, iimpawu zombuzo, iziphumlisi, kunye neempawu zesikhuzo) xa kufundwa ngokuvakalayo
	UFundo ngokuZimela	<p>Khetha izicatshulwa/ iitekisi ezaziwayo okanye ezikumgangatho wokufunda ozimeleyo womntwana (zibe lula kunezo zisetyenziswe kufundo ekwabelwana ngazo ngaphezu kwama-95% okuqonda amagama ngokuchanekileyo xa ufunda itekisi)</p> <ul style="list-style-type: none"> Funda ngokuzimeleyo: iincwadi zemifanekiso, amakhadi esihobe, iincwadi zamabali ezivela kwithala leencwadi okanye kwikona yokufunda kwigumbi lokufundela 						

- | | | |
|--|--|---|
| | | <ul style="list-style-type: none">• Dlala imidlalo yokufunda nokugqibezela amagama aphambili ukomeleza izakhono zokufunda nezesigama ezinjengeMidlalo weSnap kunye neMemori |
|--|--|---|

INKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA: Isihloko	<p style="text-align: center;">UKUBHALA (ngoKwabelana, kwiQela ,uZimele) 1 iyure ngeveki (3 x 20 imizuzu)</p>						
Ikota 1 (iintsuku 45)	Iveki 1 (iintsuku 3)	Iveki 2	Iveki 3	Iveki 4 & Iveki 5	Iveki 6 & Iveki 7	Iveki 8 & Iveki 9 (iintsuku 4)	Iveki 10 (iintsuku 3)
Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe	<ul style="list-style-type: none"> Uzoba imifanekiso ze ubhale izivakalisi ukubonisa ukuqondwa kwebali Usebenzisa iziphumlisi ezichanekileyo Uzakhela ibhanki yamagama kunye nesichazi-magama sakho usebenzisa unobumba wokuqala wamagama 	<ul style="list-style-type: none"> Bhala ezakho iindaba Hlela isicatshulwa ngokusebenzisa amagama anjengo "kuqala", "kulandele" ze "kugqibele". Pela amagama aqhelekileyo ngokuchanekileyo ze uzame ukupela amagama angaqhelekanga usebenzise ulwazi lwezandi Uzakhela ibhanki yamagama kunye nesichazi-magama sakho usebenzisa unobumba wokuqala wegama umzekelo: apile, bhala, cela, njl.njl Uhlolo olusisiseko 	<ul style="list-style-type: none"> Bhala umhlathana omnye ubuncinane izivakalisi ezisi-8 ngeendaba zakho okanye ibali oliyilayo Bhala amagama usakha izivakalisi usebenzisa oonobumba abakhulu, izingxi, iimpawu zemibuzo, iikoma, iimpawu zesikhuzo kunye neempawu zocaphulo Sebenzisa ulwazi lwezandi kunye nemigaqo yopelo ukubhala amagama angaqhelekanga Uzakhela ibhanki yamagama kunye nesichazi-magama sakho usebenzisa unobumba wokuqala wegama umzekelo: apile, bhala, cela, njl.njl Uhlolo olusisiseko 	<ul style="list-style-type: none"> Nika izimvo namagama kwibalini elibhalwa neklasi (Ukubhala ngokwabelana) Bhala umhlathana omnye ubuncinane izivakalisi ezisi-8 ngeendaba zakho okanye ibali eliyilayo Bhala imiyalelo umz. eya kumhlobo Bhala amagama usakha izivakalisi usebenzisa oonobumba abakhulu, isingxi, iimpawu zemibuzo, iikoma, iimpawu zesikhuzo kunye neempawu zocaphulo Sebenzisa ulwazi lwezandi kunye nemigaqo yopelo ukubhala amagama angaqhelekanga Uzakhela ibhanki yamagama kunye nesichazi-magama sakho usebenzisa unobumba wokuqala wegama umzekelo: apile, bhala, cela, njl.njl 	<ul style="list-style-type: none"> Nika izimvo namagama kwibali elibhalwa neklasi (Ukubhala ngokwabelana) Zoba imifanekiso ubhale izivakalisi ukubonisa ukuqonda ibali Sebenzisa umfanekiso ukukhetha isihloko oza kubhala ngaso Thetha neqabane lakho ukucwangciselela ukubhala Buza imibuzo ukunceda ekuchazeni umsebenzi wokubhala Sebenzisa isivumelanisi sentloko ngokuchanekileyo umz. Ndifuna/ ufuna Sebenzisa ulwazi lwezandi kunye nemigaqo yopelo ukubhala amagama angaqhelekanga Uzakhela ibhanki yamagama kunye nesichazi-magama sakho usebenzisa unobumba wokuqala wegama umzekelo: apile, bhala, cela, njl.njl 	<ul style="list-style-type: none"> Nika izimvo namagama kwibali elibhalwa neklasi (Ukubhala ngokwabelana) Bhala umhlathana omnye ubuncinane izivakalisi ezisi-8 njengeendaba zakho, ibali oliyilayo, nenkcazo yesiganeko Bhala amagama usakha izivakalisi usebenzisa oonobumba abakhulu, isingxi, iimpawu zombuzo, iikoma, iimpawu zesikhuzo kunye neempawu zocaphulo Sebenzisa ulwazi lwezandi kunye nemigaqo yopelo ukubhala amagama angaqhelekanga Sebenzisa ixeha langoku, elidlulileyo nelizayo ngendlela echanekileyo Uzakhela ibhanki yamagama kunye nesichazi-magama sakho usebenzisa unobumba wokuqala wegama umzekelo : apile, bhala, cela, njl.njl 	<p>UHLAZIYO</p> <ul style="list-style-type: none"> Bhala ufake umfanekiso kwizivakalisi (izivakalisi ezi-6 ukuya kwezi-8) ngesihloko kwincwadi yeklasi Sebenzisa ulwazi lwezandi kunye nemigaqo yopelo ukubhala amagama angaqhelekanga

INKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHUL AM NOKUHLOLA: Isihloko	UKUBHALA NGESANDLA 1 iyure ngeveki (4 x 15 imizuzu)						
Ikota 1 (iintsuku 45)	Iveki 1 (iintsuku 3)	Iveki 2	Iveki 3	Iveki 4 & Iveki 5	Iveki 6 & Iveki 7	Iveki 8 & Iveki 9 (iintsuku 4)	Iveki 10 (iintsuku 3)
Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe	<ul style="list-style-type: none"> • Khuphela ze ubhale oonobumba ababini ngokubhala ngokomdaniso • Khuphela ubhale amagama amafutshane ngokubhala ngokomdibaniso • Khuphela ubhale izivakalisi ezifutshane ngokubhala ngokomdibaniso 	<ul style="list-style-type: none"> • Bhala ngoonobumba abancinci nabakhulu usebenzisa ukubhala ngokomdibaniso • Sebenzisa izixhobo zokubhala ngokufanelekileyo: ipensile, irabha, nerula • Bhala izivakalisi ezifutshane ngokubhala ngokomdibaniso • <i>Uhlolo olusisiseko</i> 	<ul style="list-style-type: none"> • Bhala iileta ngoonobumba abancinci nabakhulu usebenzisa ukubhala ngokomdibaniso • Sebenzisa izixhobo zokubhala ngokufanelekileyo: ipensile, irabha, nerula • Khuphela ubhale izivakalisi ezifutshane ngokubhala ngokomdibaniso • Yahlula amagama ngokuchanekileyo kwimigca • <i>Uhlolo olusisiseko</i> 	<ul style="list-style-type: none"> • Bhala umbhalo usebenzisa oonobumba abakhulu nabancinci kumbhalo obhalwe ngokudibanisa ze udibanise oonobumba abahlukeneyo ukwakha amagama kubhalo olukhethiweyo • Sebenzisa izixhobo zokubhala ngokufanelekileyo: ipensile, irabha, nerula • Bhala izivakalisi ezifutshane ngokubhala ngokomdibaniso • Yahlula amagama ngokuchanekileyo kwimigca • Bhala isivakalisi ngokucacileyo nangokuchanekileyo kokubhalwe ngesandla nangokubhalwe ngokomdibaniso 	<ul style="list-style-type: none"> • Bhala umbhalo usebenzisa oonobumba abakhulu nabancinci kumbhalo obhalwe ngokudibanisa ze udibanise oonobumba abahlukeneyo ukwakha amagama kubhalo olukhethiweyo • Sebenzisa izixhobo zokubhala ngokufanelekileyo: ipensile, irabha, nerula • Bhala izivakalisi ezifutshane ngokubhala ngokomdibaniso • Yahlula amagama ngokuchanekileyo kwimigca • Bhala isivakalisi ngokucacileyo nangokuchanekileyo kokubhalwe ngesandla nangokubhalwe ngokomdibaniso 	<ul style="list-style-type: none"> • Bhala umbhalo usebenzisa oonobumba abakhulu nabancinci kumbhalo obhalwe ngokudibanisa ze udibanise oonobumba abahlukeneyo ukwakha amagama kubhalo olukhethiweyo • Sebenzisa izixhobo zokubhala ngokufanelekileyo: ipensile, irabha, nerula • Bhala izivakalisi ezifutshane ngokubhala ngokomdibaniso • Yahlula amagama ngokuchanekileyo kwimigca • Bhala isivakalisi ngokucacileyo nangokuchanekileyo kokubhalwe ngesandla nangokubhalwe ngokomdibaniso 	UHLAZIYO <ul style="list-style-type: none"> • Bhala isivakalisi ngokucacileyo nangokuchanekileyo kokubhalwe ngesandla nangokubhalwe ngokomdibaniso

Ulwazi olufunwa ngaphambili	IBanga 2 Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe	
Uhlolo lokuFunda	UHLULO LOKUVAVANYA UKULUNGELA UKUFUNDA	<ul style="list-style-type: none"> • Imisebenzi mayijongwe kwaye ivavanywe ngethuba lemihla ngemihla kwizifundo zoLwimi. • Isakhono ngasinye asenzelwanga ukuba sibe ngumsebenzi wohlolo kodwa kufuneka siqinisekise ukuba abafundi banikwa amathuba okubonisa ezi zakhono ngomlomo nangokwenza.
SBA	IKOTA 1 UHLULO	<ul style="list-style-type: none"> • Imisebenzi mayijongwe kwaye ihlolwe ngethuba lemihla ngemihla yezifundo kwiiLwimi. • Isakhono ngasinye asenzelwanga ukuba sibe ngumsebenzi wohlolo kodwa kufuneka siqinisekise ukuba abafundi banikwa amathuba okubonisa ezi zakhono ngomlomo, ngokuziqhelanisa nokubhala. • Uhlolo lunokwenzeka kuphela ukuba iikhonsepthi zifundisiwe kwaye abafundi banikwe ixesha elaneleyo lokuziqhelanisa. • Uhlolo lwemisebenzi ye-Orali kufuneka ludityaniswe neZakhono zoBomi neMathematika xa kunokwenzeka. • Uhlolo yinkqubo eqhubekayo ecwangcisiweyo yokuqokelela, ukurekhoda, ukutolika, ukusebenzisa nokunika ingxelo ngolwazi malunga nenkqubela phambili yomntwana kunye nokuphumelela kwakhe ekuphuhliseni ulwazi, izakhono kunye neendlela zokucinga. • Kubalulekile ukuba uqaphele ukuba umsebenzi wohlolo ngamnye akufuneki ukuba ubonwe njengesiganeko esinye okanye uvavanyo, kodwa kufuneka uthobeke imigaqo yovavanyo oluqhubekayo maxa onke. <p>UKUMAMELA NOKUTHETHA</p> <p>Thatha inxaxheba kwiingxoxo, ubuza imibuzo kwaye ubonisa uvakalelo kwiimvakalelo zabanye</p> <p>IZANDI</p> <ul style="list-style-type: none"> • I-Orali nokuBhaliweyo: Yakha amagama usebenzisa oonobumba abangamaqabane (Ixesha lokugxila ekufundeni) • I-Orali nokushicilelweyo : Uhlela amagama ngokwe-alfabhethi <p>UKUFUNDA</p> <ul style="list-style-type: none"> • I-Orali: UkuFunda ngamaQela ancediswa nguTitshala (GGR) kusebenzisa amagama abonwa njalo, izakhono zokumisela ulwazi (isilabhasi, imikhondo yemixholo, ukufunda ngokutyibilikayo) ukufunda izicatshulwa ngokuzimeleyo (kwenziwa kwixesha lokugxila ekufundeni) <p>UkuBhala: Iphepha lomsebenzi elilelokwenyani okanye isicatshulwa esingeyonyani (Ixesha lokugxila ekufundeni)</p> <p>Izakhono zokuqonda (ixesha ekugxilwe kulo lokufunda)</p> <ul style="list-style-type: none"> - imibuzo - uqikelelo -ukuhlengahlengisa izinto: hlela imicimbi ngokulandelelana - ukuqikelelwa: Yintoni, ngoba, njani - uvavanyo <p>UKUBHALA</p> <ul style="list-style-type: none"> • Nika izimvo namagama kwibali leklasi (Ixesha lokuGxila ukufunda) • Bhala imihlathi emibini (izivakalisi ezisi-8) ngesihloko <p>UKUBHALA NGESANDLA</p> <ul style="list-style-type: none"> • Khuphela ze ubhale amagama nezivakalisi ezifutshane kwisikripti esihlanganyelweyo okanye ngokubhala ngokudibanisa • UkuBhala: Hlela amagama ngokwe-alfabhethi